UYesu Uvula Indlela Ephumela Ngaphaya Kwekhuselo

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Le Veki: *Heb. 9:24; Eks. 19:3, 4; Heb. 12:18–21; Lev. 16:1, 2; Heb. 10:19–22; Kolose 3:1.*

Indima Yenkumbulo: **"Kuba uKristu akangenanga kweyona ngcwele inokwenziwa ngezandla, engumfuziselo weyenyaniso; ungene kuwo amazulu ngokwawo, ukuba abonakale ngoku ebusweni bukaThixo ngenxa yethu"** *(Hebhere 9:24)*.

Xa abafundi babebuya entabeni yemiNquma, kanye emva kokuba uYesu wayenyukele ezulwini, bazaliswa luvuyo noloyiso. INkosi yabo noMhlobo wabo wayenyukele kwisikhundla segunya phezu komhlaba kwaye ebamemile ukuba baye kuThixo egameni laKhe benesibindi esipheleleyo sokuba uThixo woba phendula kakuhle kwimithandazo yabo *(Yohane 14:13, 14)*. Nangona baqhubeka [behleli] ehlabathini, behlaselwa yimikhosi yobubi, ithemba labo laliqinile. Babesazi ukuba uYesu wenyuka ukuya kulungiselela bona indawo (Yohane 14:1–3). Babesazi ukuba uYesu wayenguMphathi wosindiso lwabo, nokuba wayeyivulile indlela yokungena kwikhaya lasezulwini ngegazi laKhe.

Ukunyuka kukaYesu aye ezulwini kungumongo kufundo ngokwazi uThixo kumaHebhere. Kuphawula ukuqala kolawulo lukaYesu nokuqala kolungiselelo lwaKhe lobubingeleli obuKhulu ngenxa yethu. Ekugqibeleni, nokona kubaluleke ngakumbi, ukunyuka kukaYesu kuphawula umzuzu wokumiselwa komnqophiso omtsha, owenza kubekho indlela ekuthi ngayo sikwazi ukuya kuThixo ngesibindi ngokholo. Kulilungelo lethu ngoku ukuya kuThixo ngesibindi ngoYesu nobuhle bobulungisa baKhe.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaMatshi 5.*

UYesu Phambi KukaYise

Funda: Hebhere 9:24. Ngokwale ndawo, yayiyintoni injongo yokunyukela ezulwini kukaYesu?

_____

_____

UThixo wayalela uIsrayeli ukuba amadoda kufuneka anyuke kathathu yonke iminyaka ukuya eYerusalem ukuya "kuvela phambi kukaYehova" nomnikelo. Amaxesha awanyulwayo yayisisidlo sePasika (isonka esingenagwele), isidlo seeveki (iPentekoste), nesiDlo seMinquba *(Eks. 23:14–17, Dut. 16:16)*. IPasika yayibhiyozelelwa ukuhlangulwa kukaIsrayeli eYiputa. IPentekoste yayibhiyozelelwa isivuno serhasi, kwaye ngexesha leTestamente eNtsha, yayihlanganiswa nokunikwa komthetho eSinayi. Isidlo seMinquba sasibhiyozelelwa inkathalo kaThixo kuIsrayeli ngexesha lokuphambukela kwabo entlango.

AmaHebhere 9:24 achaza ukunyuka kukaYesu ayokungena phambi kobuso bukaYise. Wafika engcweleni yasezulwini, "eyona yona," ukuba "abonakale" phambi kukaThixo enombingelelo olunge kakhulu *(Heb. 9:23, 24, NIV)*—elaKhe igazi.

UYesu wazalisekisa izidlo zohambo ngokuchana okumangalisayo. Wafa ngemini yokulungiselela iPasika ngeyure yethoba, ixesha ekwakuthi ngalo iimvana zePasika zibingelelwe *(Yohane 19:14, Mat. 27:45–50)*. UYesu wavuka ngosuku lwesithathu wanyukela ezulwini ukwamkela ingqiniseko yokuba umbingelelo waKhe wawamkelwe *(Yohane 20:17, 1 Kor. 15:20)*, xa umbingeleli etshangatshangisa isinde lerhasi evuthiweyo njengolibo (Lev. 23:10–12). Emva koko, wanyuka kufike amashumi amane kamva ukuba ayokuhlala ngasekunene kukaThixo aze amisele umnqophiso omtsha ngeMini yePentekoste *(IZenzo 1, 2)*.

Injongo yohambo kuIsrayeli wakudala yayikukuze "babone ubuso bukaThixo" *(INd. 42:2, NRSV)*. Oku kwakuthetha ukuxhamla uthando lukaThixo (INd. 17:15). Ngokufanayo, intetho yamaHebhere "ukufuna ubuso bukaThixo" yayithetha ukucela uThixo ukuba ancede *(2 IZikr. 7:14, INd. 27:8, INd. 105:4)*. Yinjongo le, kumaHebhere, yokunyuka kukaYesu. UYesu wanyukela kuThixo enombingelelo ogqibeleleyo. UYesu wanyukela ezulwini njengovul' ndlela wethu ukuya phambi kobukho bukaThixo *(Heb. 6:19, 20)*. Usenze saqiniseka isithembiso samakholwa ahambayo "efuna ikokwabo," elangazelela "ilizwe elingcono" ekhangele "phambili kumzi . . . ongcibi nomakhi wawo inguThixo" *(Heb. 11:10, 13–16, NRSV)*.

Kwakhona, kutheni le nto ubunyaniso bento eyenziwe nguYesu, kungekuphela emnqamlezweni kodwa noko akwenzayo ngoku ezulwini, businika ingqiniseko yosindiso?

_____

Isimemo SikaThixo

Funda: Hebhere 12:18–21. Ayenjani amava kaIsrayeli eNtabeni yeSinayi?

Xa uThixo wayemkhupha uIsrayeli eYiputa, icebo laKhe yayikukudala ulwalamano oluphathekayo nolusondeleyo nabo. Wathi, “Nina niyibonile into endiyenzileyo kumaYiputa, ukuba ndanithwala ngamaphiko okhozi, ndanizisa kum” *(Eks. 19:3, 4)*.

Ngoko ke, ngoMoses, uThixo wanika imiyalelo edingekayo ukubalungisa abantu ukuba bahlangane naYe. Abantu babedinga ukuzinikela kuqala *(Eks. 19:10–15)*. Abo baphumayo bengakulungelanga, babeya kufa. Kwathi kodwa, ngako nje ukuba abantu bathabathe iintsuku ezimbini bezilungiselela, emva koko, “ ‘sakolula isandi sesigodlo ukuhlokoma,”’ ngosuku lwesithathu, uThixo wabayalela abantu ukuba “banganyuka bona baye entabeni”’ (*Eks. 19:13, ESV)*. Wayefuna ukuba babe namava uMoses neenkokeli zabantu ababeza kuba nawo xa benyuke intaba baze “bambone uThixo, badle basele” *(Eks. 24:9–11, ESV)*. Emva koko abantu baqonda ukuba balubonile uzuko lukaThixo nokuba unako uThixo ukuthetha “ ‘ “nomntu, aphile noko” ’ ” *(Dut. 5:24, ESV)*. Kwathi kodwa wakufika umzuzu, baphelelwa lukholo. UMoses wabachazela emva kweminyaka: “ ‘nibe nisoyika umlilo, ananyuka niye entabeni” *(Dut. 5:5, ESV)*. Endaweni yoko, bamcela uMoses ukuba abe ngummeli wabo *(Dut. 5:25–27, thelekisa noEks. 20:18–21)*.

Ukubonakalalisa kukaThixo ubungcwele baKhe entabeni yeSinayi kwakuza kubafundisa abantu “ukumoyika” okanye “ukumhlonipha.” “Ukoyika uYehova” kukhokelela ebomini, ebulumkweni, nasekuzukiseni *(Dut. 4:10; thelekisa neINd. 111:10, iMiz. 1:7, iMiz. 9:10, iMiz. 10:27)*—kwanokufunda ukuba [uYehova] unenceba nobabalo *(Eks. 34:4–8)*. Ngoko ke, njengoko uThixo wayefuna uIsrayeli eze kuYe, abantu boyika baza bacela uMoses ukuba abe ngummeli wabo. Inkcazo kwisiHebhere yeziganeko zaseSinayi ilandela kakhulu ukubakhumbuza kukaMoses abantu ngokuswela kwabo ukholo kunye nokukreqa kwabo ngethole legolide, nendlela yena awoyika ngayo ukuhlangana noThixo ngenxa yesono sabo *(Dut. 9:19)*. Ukusabela kwabantu kwakungelilo icebo likaThixo ngabo; endaweni yoko, kwakusisiphumo sokungabi nalukholo kwabo.

Ngenxa kaYesu, kutheni le nto kufuneka singoyiki ukusondela kuThixo ongcwele? Zithini iimeko, phofu, zokuba sikwazi ukusondela kufuphi?

Isidingo Somkhusane

Imikhusane inemisebenzi emibini. Isaci esisetyenziswe kumaHebhere ukuthetha ngomkhusane *(katepetasma)* sinokubhekisa kumdiyadiya wenkundla *(Eks. 38:18)*, umdiyadiya ekungeneni kwigumbi elingaphandle lengcwele *(Eks. 36:37)*, okanye umdiyadiya ongaphakathi owahlula iNdawo eNgcwele kwiNgcwele kaNgcwele *(Eks. 26:31–35)*. Le midiyadiya yomibini yayiyindawo yokungena kanti yayikwayimida ekwakudlula kuyo abantu abathile kuphela.

Funda: Levitikus 16:1, 2 noLevitikus 10:1–3. Sithini isilumkiso esinaso kwezi ndawo?

_____

_____

Umkhusane wawusisikhuselo sababingeleli xa belungiselela phambi kukaThixo ongcwele. Emva kwesono sethole legolide, uThixo wathi kuMoses akasayi kuhamba nabo endleleni eya eZweni leDinga hleze ababulale kuba babe " 'ngoontamo-zilukhuni'" *(Eks. 33:3)*. Ngoko ke, uMoses wayisusa intente yomhlangano wayimisa kude, ngaphandle kweminquba. *(Eks. 33:7)*. Emva kokuba uMoses ebanqandele, uThixo wavuma ukuhamba nabo ephakathi kwabo *(Eks. 33:12–20)*, kodwa wamisela imiqathango yokubakhusela abantu xa ehleli phakathi kwabo.

Umzekelo, uIsrayeli wahlala ngocwangco olungqongqo olwalwenze isikwere esingenanto phakathi apho yayimiswe khona intente. Ukongeza, abaLevi bahlala ngokuwujikeleza umnquba ukuze bakhusele ingcwele nempahla zayo ekungenelweni ngabasemzini *(Num. 1:51, Num. 3:10)*. Babe luhlobo lomkhusane olungabantu ababekhusele abantu bakwaIsrayeli: " 'Ke bona abaLevi ukuma kwabo baya kuphahla isibingelelo esiqulethe ubungqina bomnqophiso, basaluse, khon' ukuze kungabikho bani usondelayo kuso, avusele amaSirayeli umsindo wam." *(INum. 1:53, IBHAYIBHILE)*.

UYesu, NjengoMbingeleli wethu, uye wangumkhusane wethu. Ngokuzalwa kwaKhe engumntu, uThixo wayimisa intente yaKhe phakathi kwethu, wenza ukuba sikwazi ukucamngca ngobuqaqawuli baKhe *(Yohane 1:14–18)*. Wenza ukuba akwazi uThixo ongcwele ukuhlala phakathi kwabantu abangafezekanga.

Cinga ngokuba kwathetha ntoni ukuba uThixo onguMdali, owenza indalo yonke, ukuba ahlale phakathi kwabantu baKhe, ngelo xesha ababeluhlanga olusinde ebukhobokeni. Kusifundisa ntoni oko ngendlela uThixo anokusondela ngayo kuthi?

_____

_____

INdlela Entsha Ephilileyo Ephumela Ngaphaya Kwekhuselo

Funda: Hebhere 10:19–22. Sithini isimemo esinaso kule ndawo?

_____

_____

Incwadi yamaHebhere izathuza ithi uYesu ungene kwingcwele yasezulwini kwaye uyasimema ukuba silandele ukukhokela kwaKhe. Le ngcamango ivumelana nengcinga eveziweyo ngaphambili yokuba uYesu ungu“mphathi” novulindlela wabakholwayo *(Heb. 2:10; Heb. 6:19, 20; Heb. 12:2)*. “Indlela entsha nephilileyo” ngumnqophiso omtsha awumiseleyo uYesu ngombingelelo wakhe nokunyuka kwaKhe. Intetho engo“mtsha nophilileyo” iphikisana nenkcazo yomnqophiso omdala njengo “phelelwe lixesha nogugayo” *(Heb. 8:13, NKJV)*. Ngumnqophiso omtsha onike uxolelo lwesono waza wabeka umthetho ezintliziyweni zethu, owenza ukuba sibenakho ukuma phambi kukaThixo ngesibindi, kungekho ngenxa yethu okanye nantoni esiyenzileyo, kodwa kuphela ngenxa yoko uYesu asenzele kona ngokuzalisekisa konke okunyanzeliswa ngumnqophiso.

AmaHebhere athe ukumiselwa komnqophiso omdala kwakuquke ukumiselwa kwengcwele nokungcwaliswa kwababingeleli *(Heb. 9:18–21; thelekisa noEksodus 40; noLevitikus 8, 9)*. Injongo yomnqophiso yayikukudala ulwalamano olusondeleyo phakathi kukaThixo nabantu baKhe. *(Eks. 19:4–6)*. Wayesithi uIsrayeli akulwamkela olu lwalamano, uThixo akhawuleze ayalele ukuba kwakhiwe ingcwele ukuze akwazi ukuhlala phakathi kwabo. Ukumiselwa kwengcwele nobukho bukaThixo phakathi kwabantu baKhe yayiba lixesha xa umnqophiso phakathi kukaThixo noIsrayeli ugqityiwe.

Kunjalo nakumnqophiso omtsha. Umnqophiso omtsha ukwathetha ukumiselwa kolungiselelo lobubingeleli bukaKristu endaweni yethu (*Heb. 5:1–10, Heb. 7:1–8:13)*.

Ukunyukela kukaYesu phambi kukaThixo kumisele ixesha elitsha kubantu bakaThixo. UZekariya 3 uxela ukuba uSathana wayephambi kukaThixo emangalela abantu bakaThixo, ababemelwe ngumbingeleli omkhulu uYoshuwa. Lo mmangaleli ikwanguye owaba nemibuzo ngokunyaniseka kukaYobhi kuThixo *(Yobhi 1, 2)*. Ngombingelelo kaYesu, kodwa, uSathana ukhutshelwe ngaphandle kwezulu *(IsiTy. 12:7–12, thelekisa noYohane 12:31, Yohane 16:11)*. Ngoku nguYesu osithethelayo kwaye esibangela usindiso ngombingelelo nokuthembeka kwaKhe!

Zeziphi izityholo anokuzisebenzisa ngakuwe uSathana phambi kukaThixo, ukuba ebenokuvunyelwa? Nangona elixoki, kungakanani anokuxoka ngako ngawe ukuze azame ukuba ugwetywe? Liyintoni ithemba lakho ekuphela kwalo?

_____

Baya Kububona Ubuso BaKhe

Funda: Hebhere 12:22–24. Kungayiphi ingqondo esesifike ngayo kwiYerusalem yasezulwini phambi kobuso bukaThixo?

_____

_____

Kuthiwa amakholwa "afikile" kwiNtaba yeZiyon, iYerusalem yasezulwini, ngokholo. Ngale ngqondo, amava wabo alindele ixesha elizayo. Ngoko ke, iYerusalem yasezulwini ikubukumkani bezinto "ezilindelweyo" ne"zingekabonwa" kodwa kunjalo ziqinisekiswe kuthi ngokholo *(Heb. 11:1)*.

Nangona iyinyaniso, asiyiyo yonke intsingiselo yale ndawo. Sele sifikile kwiNtaba yeZiyon, kanye phambi kobuso bukaThixo, ngommeli wethu uYesu *(Efese 2:5, 6; Kolose 3:1)*. Ukunyuka kukaYesu asiyonto nje yokholo, kodwa yinyaniso. Ngulo mlinganiso wembali wokunyuka kukaYesu okunika amandla anyanzelisayo kwisiyalo samaHebhere ukuba sikubambe sikuqinise ukuvuma kwethu *(Heb. 4:14, Heb. 10:23)*. UPawulos uthi: "Sinombingeleli omkhulu ocande emazulwini, . . . masisondele ke ngoko sinokungafihlisi" *(Heb. 4:14, 16)*.

Ngoko ke, sele sifike ngommeli wethu kwaye, ngenxa yoko, kufuneka senze ngokufanelekileyo. NgaYe, "sisingcamle isipho sasezulwini . . . sakungcamla nokulunga kwelizwi likaThixo namandla ephakade eliza kuza" *(Heb. 6:4, 5, ESV)*. Ubunyaniso bokunyuka kukaYesu nolungiselelo kwingcwele yasezulwini "yiankile yomphefumlo enqabileyo neqinileyo" *(Heb. 6:19, ESV)*, isiqinisekiso sokuba izithembiso ziyaphatheka kwaye zifanele ukuthenjwa *(Heb. 7:22)*. Kuthi, ukholo luneankile enembali.

Injongo kaThixo iya kuzaliseka, phofu, kungekuphela kuYesu, kodwa nakuthi. Sele sitshilo ukuthi ukunyuka kukaYesu kwazalisekisa uhlobo lweehambo ezinde zokuqala zakwaIsrayeli, ezenziwa rhoqo kwiminyaka emibini, iPasika nePentekoste. Ngokwencwadi yamaHebhere neyesiTyhilelo, uhambo olude, isiDlo semiNquba, sisaza kuzalisekiswa. Siya kusibhiyozela noYesu, xa sikuwo "umzi . . . [lo] ungcibi, umbangi wawo, inguThixo," kwikhaya elisemazulwini *(Heb. 11:10, 13–16)*. Asisayi kwakha minquba, kodwa umnquba kaThixo, okanye intente, iya kuhla ivela ezulwini, size thina sihlale naYe ngonaphakade *(IsiTy. 7:15–17; IsiTy. 21:1–4; IsiTy. 22:1–5; Num. 6:24–26)*.

Singakufunda njani ukwenza ukuba isithembiso sobomi obungunaphakade sibe yinyaniso kuthi ngoku, phakathi kwehlabathi elizele yintlungu nokuva ubunzim? Singanika impendulo ethini kwabo bathi konke oku liphupha nje lokusinceda ukuba sive kamnandi ngobomi bethu apha ngoku?

_____

Ingcamango Eyongeziweyo: "Ukunyukela kukaYesu ezulwini, kwakusalatha ukuba abalandeli baKhe baya kuyamkela intsikelelo ethenjisiweyo. Yinto le ekwakufuneka bayilindele phambi kokuba bangene emsebenzini wabo. Wathi akungena kumasango ezulu, uKristu wahlaliswa etroneni phakathi kweengelosi ezazimdumisa. Wathi wakugqitywa lo msitho, uMoya Oyingcwele wehla phezu kwabafundi ngemisinga emikhulu, wazukiswa ngokwenene uKristu ngozuko awayenalo noYise kususela ephakadeni....

Ukuthululwa kwePentekoste yayiyindlela yokwazisa ngokufezwa komsebenzi wokubekwa koMsindisi. Wamthumela uMoya Oyingcwele kubalandeli baKhe ngokwesithembiso saKhe, ephuma ezulwini njengophawu lokuba, njengombingeleli nokumkani, ulinikiwe lonke igunya ezulwini nasemhlabeni, nokuba Othunyiweyo wathanjiswa ukuba abe phezu kwabantu baKhe. . . .

Bathetha ngegama likaYesu beqinisekile; asithi kaloku wayenguMhlobo noMkhuluwa wabo? Bathi ngokusoloko bethetha naYe uKristu, bahlala naYe kwezasezulwini iindawo. Athi ubushushu bolwimi lwabo xa bebeka iingcamango zabo bengqina ngaYe!"—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, amaph. 38, 46.

Imibuzo Yokuxoxwa:

❶ **Umdumisi wathi: "Umphefumlo wam unxanela uThixo ophilileyo. Ndiya kufika nini na, ndibonakale ebusweni baKhe?"** *(INd. 42:2, ESV)***. Singanalo njani unxano olunye lokuza phambi kukaThixo? Ukuba asonwabi ngoku phambi kukaThixo xa simnqula size phambi kwaKhe ngokholo, ingaba siya kuvuya na kwixesha elizayo? Ziintoni ezenza kubekho uvuyo phambi kukaThixo?**

❷ **Encwadini eyenza intlekisa ngokholo, umbhali wenza umashini athi umashini lowo wenzela thina ukukholwa. Nangona le yayiyinkohliso, singakulumkela njani ukuba singenzi njengoko wenzayo uIsrayeli entlango, ukuthi sicele abameli phakathi kwethu noThixo? Sinento yokuvumela abanye abantu ukuba bafundele thina iBhayibhile bafumane amagugu enyaniso eBhayibhileni. Abanye abantu bangaziva belingekile ukuba bacinge ukuba imithandazo yabanye endaweni yabo inokuvakala phambi kukaThixo kuneyabo imithandazo. Kutheni le nto kufuneka siwuphephile lo mgibe wasemoyeni? Kutheni le nto, ngenxa kaYesu, sinako ukuvela phambi koThixo ngaphandle kwesidingo somnye umntu?**

❸ **AmaHebhere angengqiniseko yosindiso. Sekunjalo, kufuneka silumke njani ukuba singenzi impazamo yokuthabatha ubuganga njengengqiniseko?**